# ISEBE LEZEMFUNDO

education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## ULWIMI, ULWAZI LOKUFUNDA NOKUBHALA NONXIBELELWANO

## ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE

## IMISEBENZI YOVAVANYO EFANAYO (CTA)

## IBANGA 9

## 2005

### INCWADI YOMFUNDI

Ixesha: 5 IIYURE

✓ Amanqaku: 100

Inani lamaphepha: 24

## INTSHAYELELO

- Amanqaku ewonke e-CTA aya kuba ngama 25% aze amanqaku ovavanyo oluqhubeka apha enyakeni abe ngama 75%.

- Le CTA inemisebenzi eziintlobo ngeentlobo efana nokuthethwayo, okufundwayo, okubhalwayo, okuyilwayo nokubonwayo, encedana nawe ekuboniseni ulwazi lwakho kulwimi lwenkobe.

**ULWABIWO LWAMANQAKU: 100**
**ULWABIWO LWEXESHA:5 IIYURE**

## UGQALISO:

Unxibelelwano nobudlelwane zingakuphuhlisa njani ukuzingca ngobuwena ngolwimi lwakho nokuhlonela iilwimi zezinye iintlanga kulo Mzantsi Afrika? Ezi zihlokwana zingezantsi ziyakukunceda ekuphenduleni imibuzo eya kulandela.

## IZIHLOKWANA

- Indlela yonxibelelwano ephuhlisa ukuzingca ngobuwena nemvelaphi yakho.
- Ulwazi lweelwimi ezahlukeneyo noncedo loko.
- Ulwazi lokuthetha ulwimi ngokusulungekileyo.
- Indlela yokuthetha nokwazi ukulawula ungquzulwano.
- Ukubandakanyeka nokwazi ukuthetha ngezandla nokuphila nabanye abantu.

**MITHANDATHU IMISEBENZI ENGUNDOQO:**

| | | | |
|---|---|---|---|
| **Umsebenzi 1:** | Ukubeka emxholweni | – | 60 imizuzu, 0 amanqaku |
| **Umsebenzi 2:** | Uphando olungenzulu | – | 90 imizuzu, 20 amanqaku |
| **Umsebenzi 3:** | Intetho | _ | 90 Imizuzu, 20 amanqaku |
| **Umsebenzi 4:** | Ubhalo oluphuhlisa injongo ethile | _ | 60 imizuzu, 20 amanqaku |
| **Umsebenzi 5**: | Uhlalutyo lwemibongo | _ | 60 imizuzu, 20 amanqaku |
| **Umsebenzi 6**: | Ubhalo oluyilwayo | _ | 60 imizuzu 20 amanqaku |

**Yonwabele le misebenzi!!!**

**UMSEBENZI 1**

**UKUBEKA EMXHOLWENI**

60 Imizuzu

00 Amanqaku

Lo msebenzi awuzi kuvavanywa koko uyintshayelelo yemisebenzi elandelayo eza kuvavanywa. Kubalulekile ukuba uwenze ngenyameko njengoko ulola ingqondo ukukufaka emxholweni wemisebenzi elandelayo.

**UMSETYENZANA 1.1: INGXOXO YEKLASI EKHOKELWA NGUTITSALA**

30 Imizuzu

00 Amanqaku

**Umyalelo:** **Lo msetyenzana wengxoxo uza kukhokelwa ngutitshala.**


**UMFANEKISO 1**

Uthathwe kwincwadi ethi Life Orientation Today Grade 8 ebhalwe ngu **H. Hawksley** nabanye.



**UMFANEKISO 2**

Uthathwe kwincwadi ethi ISELWA LESIZWE Grade 5 ebhalwe ngu **N. Mabece** no **S. Saliwa**



**IMIBUZO**

1.1 Ngokuqwalasela umfanekiso 1, ucinga ukuba kwenzeka ntoni?

1.2 Ngoobani aba bakulo mfanekiso? Yintoni abaziwa ngayo aba bantu?

1.3 Nicinga ukuba kwenzeka ntoni kumfanekiso 2?

1.4 Kusetyenziswa eyiphi indlela yonxibelelwano kulo mfanekiso wesi – 2?

1.5 Ngaphandle kwezi ndlela zonxibelelwano sele zikhankanyiwe, ziziphi ezinye iindlela zonxibelelwano enizaziyo? Xelani zibe mbini.

1.6 Unxibelelwano lubalulekile kumntu wonke. Xa unganxibelelani nabantu uba lixhoba lokudlelelelwa kwizinto ezininzi. Xela iqhalo elichaza le nkcazelo ingentla.


**UMSETYENZANA 1.2: IMEPHU YENGQONDO**

30 Imizuzu

✓ 00 Amanqaku

1.7 Kule mephu yengqondo inikwe apha ngezantsi yenza isicwangciso–zimvo ngomba othi ngekunjani xa belungekho unxibelelwano?” Bhala izimvo zakho kwizithuba ozinikiweyo.

**IMEPHU YENGQONDO:**



**UMSEBENZI 2** **UPHANDO OLUNGENZULU**

90 Imizuzu

20 Amanqaku

**UMSETYENZANA 2.1: UPHANDO NGOKWAMAQELA**

30 Imizuzu

00 Amanqaku

- Fundani esi sicatshulwa silandelayo ngocoselelo, nandule ukuphendula imibuzo engezantsi.
- UMzantsi Afrika lilizwe elineelwimi ezininzi ngoko ke esi sicatshulwa siqulathe incoko phakathi kwabantu abathetha isiXhosa nesiZulu, into leyo ebangela bangevani.
- Sifunde uze uqwalasele amagama aneentsingiselo ezahlukileyo.

## UKUFUNDA KUYOLISA UMXHELO

Thabisa: Uyazi Mbeksie bendikade ndingenamdla tu kule nto kuthiwa zii“Soapie”, kodwa ndathi ndakulalela kumabonakude kuchazw’ indlela kwa igama elithi ‘Soapie’ elavela ngayo ndaqala ndanomdla, futhi ke akumnandanga nokulalela abafundi bebaliselana kube kumnyama kuwe.

Mbeksie: Kwowu! Uyawaqalile kanene uGauteng. Ubalalela ndawoni ke abantwana babantu, xa kutheni khona? Uyawafuna ukubabetha ubaqubule bengakuboni? Musa ukuqubulana nabantwana apha.

Thabisa: *(Eqhubela phambili nencoko engekaqondi ukuba abevani)* Kuthiwa ke mhlob’am ‘iisoap operas’ ezi ziinkqubo zikamabonakude ezavezwa ekupheleni konyaka ka-1920 ngabenzi beenkqubo zikanomathotholo eMelika. Zalifumana eli gama lithi “soaps” kuba zazixhaswa ziinkampani ezenza isepha. Uyaqaphela phofu enye into ngee ‘soapie’ ezi ukuba ezona zinomdla ziba semva kwentsimbi yesixhenxe ebusuku xa usapho luthe nqwadalala lonke? Abantwana ke ngeli xesha babanga umsindo omkhulu, behlekela phezulu, batsho abazali bangakwazi nokusebenza. Kumnandi ke kubo ukulalela ‘iisoapie’ utsho uNjingalwazi Noble ingcaphephe kwezengqondo. Uthi ukubukela ii ‘soapie’ kulungile kuba kuncedisana nabantu ekulweni neengxaki zezentlalo, kodwa hayi umsindo wabantwana.
Uyacaphukisa ke wona.

Mbeksie: Abantwana babanomsindo njani ke Thabisa? Bacatshukiswa kukuba bebukele ezi ‘soapie’ ugqiba kuthi kuluncedo ukuzibukela? Utheni uthetha uziphikisa nje nalo Njingalwazi wakho?

Thabisa: Andithethi ndiziphikisa mna. Zimnandi nangoku ii ‘soapie’. Jonga ukuba abadlali siyabathanda, abanye siyabacaphukela ngokungathi oku sikubukeleyo kuyinyani. Uyamkhumbula uVivian noStefano ku‘Days’? Ntsikie wakwabani ku‘Generations’? Yena uVivian kuDays? Kodwa ke akukho nto ethi mabaphathwe kakubi kuba bangabadlali qha, abenzi ezo zinto ebomini babo. OoMcGyver bona bathandwa ngabantwana. OoBrooke, ooRidge noo Taylor zezothando qha kushiywana ngotyefezo bawo. Nqwa noAgnes ka “Isidingo” okhangeleka engazithembanga, kodwa ke ‘shame’ uyaqinisekiswa ukuba uyamthanda, kanti ke ku ‘Egoli’...

Mbeksie: Yima bo, ayikho enye into esophinda siyimamele ngaba Brooke nooVivian bakho? Uqala indaba ka ‘Egoli’ ngoku kuba ungowaseGoli. Uza kubuya umama singekenzi nto.

Thabisa: Unyanisile. Mandibe ndisiya kugeza, ukuze athi umama efika ndibe sendigezile ngala ntsipho ifana nale bendiyibona kula ntengiso yenziwa nguTaylor.

Mbeksie: Uya kuthi shu ke ngumama ukuba ucinga ukuba uza kugezela kuye. Akadibani tu ke ‘shame’ nogezo yena, ungathi bendingakuxelelanga njengokuba uzigwagwisa ngogezo nje. Kutheni khona ude uzimisele ukuba uza kuthatha iintsipho’? Uyamazi utata ngotywala bakhe? Ezaa ntsipho zezevanya yakhe. Khona loo Taylor wakho wodumo udibana njani neentsipho zikatata?

*Ithatyathwe kwincwadi ethi “SIMNANDI ISIXHOSA SINQASHA NGOBUGCISA. Ngokubhalwe ngu **N.V. Mgabadeli**,nabanye.*

**Umbuzo 1**

Ukusetyenziswa kwamagama afanayo kwintetho ezahlukeneyo kuneentsingiselo ezahlukeneyo. Ngqina oku ngokusetyenziswa kwamagama esiZulu nawesiXhosa kwintetho engentla.

- Khetha la magama uze unike iintsingiselo zawo.
- Hamba uye kufuna amanye amagama amahlanu akwiimeko ezifana nala, uze unike intsingiselo yegama ngalinye kwisiXhosa nakwisiZulu.

**Umbuzo 2**

- Yiba nomfanekiso wakho ukwilizwe elithile apho kungekho bani uthetha ulwimi lwakho, elo xesha usengxakini:
  - Ulambile
  - Unxaniwe
  - Ufuna indawo yokulala
  - Uyagula ufuna ukufowuna, ungathini?

Nika nawuphi umqondiso okanye uphawu olwaziyo uze unike nenkcazelo yophawu/mqondiso lowo.

**UMSETYENZANA 2.2: INGXELO YOPHANDO NGOKWAMAQELA**

20 **Imizuzu**

✓ **00 Amanqaku**

Iqela ngalinye liza kunika ingxelo yophando olwenziweyo kumsetyenzana 2.1 ngokwesikhokelo sikatitshala.

**UMSETYENZANA 2.3: UMSEBENZI WOMFUNDI NGAMNYE**

40 Imizuzu

✓ 20 Amanqaku

**UMSETYENZANA 2.3.1: Ukutolika imiqondiso yendlela**

20 Imizuzu

✓ 10 Amanqaku

**Funda le ncoko ilandelayo ujonge indlela uSpuku noRamutsu abayitolika ngayo imiqondiso yendlela, wandule ukuyilungisa unika eyona nkcazelo iyiyo ugxininise kwindlela ababefanele ukuyithobela ngayo imithetho leyo. Kwakhona, khetha amagama asetyenzisiweyo angabhalwanga ngesiXhosa uze unike amagama afanelekileyo.**

Spuku! Thobela **imithetho** yendlela.

USpuku, inkwenkwana eminyaka ili-16 ugqityelwe ehlamba imoto katata wakhe kanti unkabi ukhal'iphepha waya kudlula kumhlobo wakhe uRamutsu, benjenjeya ukuya epatini. URheme lo kuthe kanti kurhidiwe kuye ngokubhekisele ekuqhubeni nokululamela imithetho yendlela, nto leyo emkhokelele ekubeni angathobeli namnye. Luhanjiwe ke uhambo lo mhambi, kazi yozala nkomoni na? Uhlangene nale mithetho yendlela ilandelayo, waza wazama ukuzitolikela ngolwakhe uhlobo kodwa wathi kuba akakwazi kuqhuba, wahluleka esoyika ukususa amehlo endleleni hleze ayiphose.

**Umthetho wendlela 1**

**R214**



**Ramutsu:** Hayi ntanga uyayifeksa le moto. Awufuni kwamoto iphambi kwakho, uzigqitha ngathi zimile nangoku umbhalo sele ukuxelela ukuba uze ungedluli kwezinye iimoto.

**Umthetho wendlela 2**



**Spuku:** Wamhle ke lo mzobo weqhude, inokuba ayaphakwa apha, yaye kuthiwa anenyama emnandi. Kodwa utata nomama bathi ayingozi xa enokugilwa ngemoto kuba kuyenzeka iwe imoto leyo.

**Umthetho wendlela 3**



**Spuku:** Uyalubona olu phawu? Ngahle luxela ukuba kukho umgidi apha ngasentla. Bebefuna ukubhala “nguH” weepali zombhoxo.

**Ramutsu:** hayi suka uyabhuda olu phawu luthetha ukuba sisondele kwindawo enesibhedlele.

**Spuku:** Andiboni kaloku ndoyika nokujonga ecaleni ithuba elide, unjani na wena? Bendithembe ukuba undijongele.

**Umthetho wendlela 4**



**Spuku:** uyalubona ke ngoku olu uphawu? Luxela okokuba iyadibana indlela phambili. Ndibona ngalo mzobo ungathi ngowe – “Tuning Fork” (Yaphuma ecaleni imoto). **Ramutsu:** He mfondini! Ubuyisa phi le moto xa ungakwazi kangaka concentrata. Akubuzi ngani kutata wakho xa uhamba naye ukuba yena wenza njani ukuze imoto ingaphumi endleleni xa ejonge ezisigns? Uza kusenzakalisa ngale nto uyenzayo. Sendisonqena nje ukuthi misa ndehle kuba sesikude nekhaya.

## Umthetho wendlela 5




**Ramutsu:** Heke! Asifikanga sigalelekile. Nalu uphawu lweparking ecaleni kwendlela.

**Spuku:** Hayi maan kutheni kuthe bhe oku ngathi akukhange kubekho mntu umisayo nje kule ndawo?

**Ramutsu:** Yhoo! ntanga sele iphumile nale party bendisithi siza kuyo. Jonga uhlatyiwe lo P wepati (engaqondanga ukuba kufuneka kungemiswana kwashiywa moto apho).

**Spuku:** Bendicinga ukuba uclever ke Ramutsu nawe ngoku ubona olu phawu lwepati ndilubonayo akusathethi leya ubuyithetha ngemithetho. Akufunekanga simile apha, jonga nali ipolisa lendlela lisiza. Masibaleke (Bangena bengxamile emotweni bebaleka).

**Kwathi kusenjalo yagilwa imoto bengabonanga nokuba kwenzeke njani na.**

**UMSETYENZANA 2.3.2: Umdlalo kusetyenziswa imifanekiso esencwadini**

**20 Imizuzu**

**10 Amanqaku**

Yenzani umdlalo ngencoko exelwe kumsetyenzana 2.3.1 nibonise izimvo zikaSpuku noRamutsu.

**UMSEBENZI 3**

## INTETHO

90 Imizuzu

✓ 20 Amanqaku

### UMSETYENZANA 3.1: INGXOXO YEKLASI EKHOKELWA NGUTITSALA

20 Imizuzu

✓ 00 Amanqaku

Abantu bathetha ngeendlela ngeendlela, kuxhomekeke kwiimeko abathetha bekuzo. Banokubonisa nangentshukumo yamalungu omzimba, beyibeka nentetho yabo ngokweemeko ezo.

- Nikani izimvo zenu ngeendlela ngeendlela ezibonisa:

- Ukucaphuka / ukuthetha rhabaxa
- Ukucenga (engomelelanga/uthoba sikutyele)
- Uthando (ebonisa ukukwazi ukwenza izigqibo eziqatha)
- Intlonipho (ukuthetha ngokuzithemba)
- Ukucela (engakwazi ukuvelisa imvakalelo yakhe)

**UMSETYENZANA 3.2: UYILO LWENGXOXO YABABINI**

30 Imizuzu

00 Amanqaku

**Utitshala uza kunahlula nibe zizibini nize niyile intetho ngenye yezi ngongoma zilandelayo.**

Ingxoxo 1:- USpuku uxoxa noyise ngemoto ebeyibile yaza yagilwa.

Ingxoxo 2:- USpuku uxoxa negosa lendlela ngokuqhuba imoto engenalo iphepa-mvume.

**UMSETYENZANA 3.3: INGXELO NGOKWEZIBINI**

40 Imizuzu

20 Amanqaku

Abafundi mabanike ingxelo ngokwezibini zabo ngomsebenzi abawuyilileyo kumsetyenzana 3.2.

## 4 UBHALO OLUPHUHLISA INJONGO ETHILE

60 Imizuzu

✓ 20 Amanqaku

### UMSETYENZANA 4.1: INGXOXO YEKLASI EKHOKELWA NGUTITSHALA

20 Imizuzu

✓ 00 Amanqaku

**Umyalelo: Funda le ntetho kaMamgobhozi ilandelayo:-**

He wethu! Ubusazi ukuba uSpuku uvele emva kweentsuku ekubeni ebenyamalele neJeep kayise? Eyona nto ibimenza oyike ukubuya kukuba loo Jeep yodidi oluphezulu ubeyintlithe yantleke-ntleke. Owu! Ukuba ngumzali! Abazali behla benyuka bekhangela usana lwabo olunguSpuku.

**Umbuzo**

Zininzi iindlela zokukhangela umntu ongaziwayo apho akhoyo. Niyiklasi xoxani ngezi ndlela zahlukeneyo nikhokelwe ngutitshala.

**UMSETYENZANA 4.2: UBHALO LWENQAKU LEPHEPHA-NDABA**

**40 Imizuzu**

**20 Amanqaku**

Ungumchola-choli weendaba zephepha-ndaba elithile.

Bhala inqaku elingokunyamalala kukaSpuku eliza kuthi livele njengelona nqaku liphezulu.

**Qaphela:** Kulindeleke ukuba:-

- Usebenzise amagama achongiweyo aphuhlisa umyalezo
- Ungedluli kumagama ali – 100
- Umhla woshicilelo, igama lephepha-ndaba, umbhali wenqaku, nendawo elenzeke kuyo zivele
- Ziyilele isihloko-ndaba ngokwakho

## UHLALUTYO LWEMIBONGO

60 Imizuzu

20 Amanqaku

### UFUNDO LWEMIBONGO ELANDELWA YINGXOXO

30 Imizuzu

00 Amanqaku

Fundani le mibongo ilandelayo nandule ukuxoxa ngayo nikhokelwa ngutitshala.

**UMBONGO 1 - MFAZI WETHU: Ngu: S.S. Mema "Umnxeba wobomi"**

Wazeka uSigu intombi kaThwalo;
Wazek' ubhelukazi olumanz' andonga,
Olundili ilambathayo kumhlaba kaPhalo.
Yayalwa ngezomzi yahamba ibhonga.

USigu ngokaMgwenya uMfene, uHlathi.
Wakhuliswa ngqongqo enqandwa ngomnquma;
De wanga uliyeza ngakumbi emfazini.
Wayintyintya rhoqo loo ntombi yamaZangwa.

Akaluvala ucango bezisitsha isicheko,
Kuve nophesheya kwentlambo ngentswahla.
Owelal' akazidubi kuba kambe sel' esazi-
Bumi ngeenyawo ubumfene kunyana kaMgwenya.

Woyiqungqutha loo mazi de ikhohlwe nakusuka,
Ayibhumbuthel’ inaba kodw’ ingenzi nelimdaka.
Way’ eyakhale ngomkakhe, zonke izinto izezakhe;
Ngoko esenz’ unothanda kub’ ibango ilelakhe.

Kwathi kuba yoz’ ifike yona imin’ esisidenge,
Wazincama umfazi-ayatyiwa naphezulu.
Wayikhuph’ ezingubeni ngobukabhadakazi,
Wayichila ngomchiza wayichithela phandle.

Way’ekruquke kwaphela nokufa engakunanzi,
Kuko ebon’ umhlobo kunobo begxwayiba.
Endaweni yokuvutha ibhabhame ngumsindo
Yazingxenga yehl’ indoda selincancwa yiqabaka.

Yaqal’ elulwimini yaqweba-qweba ubuntu,
Ngelizw’ elipholileyo wangxengxeza umf’ omkhulu,
“Mfazi wethu, khawuphos’ ibhulukhwe yethu,
Undiphe kunye nehempe yethu kunye nay’ ingubo yethu!”

Wacunuka uMamZangwa wahlekela ngaphakathi,
Balawul’ ubunozala kub’ inamamenemene.
Wamxolel’ owakwakhe ngaloo mpathw’ igadalala.
Kodw’ ukufa kwachaneka, walityeb’ uMfene omkhulu.

**<u>UMBONGO 2 - “BLACK IS BEAUTIFUL”: Ngu: T.M. Jordan –“Igama Lam”</u>**

Ndimnyama, ndimnyama ndinje ndaye ndimhle ngaphezulu
Ubuhle yinyaniso, undileko lokuziphatha, nokuhloniph’ abantu
Andicatshulwanga mntwini, ngoko ndineemfanelo zikawonke-wonke
Andinakhaya limbi lakubaluleka ngaphandle kweli lam lemvelo
*Yolul’ isandla Somwabo,*
*Sikelel’ izwe loobawo!*

Ungathi ndingongemhlophe, andisosichasi somnye umntu,

Ndikuchasile oko kuba, ndaweni yaloo nto ndiyiyo
Suke ndichazwe ngentw' endingeyiyo, ukunik' ingqondo
Yokokuba bekufanele ndiyiyo, zendibe nokubekwa.
*Yolul' isandla Somwabo,*
*Sikelel' izwe loobawo!*

Ndonwabile kuba ndaweni yexhala lokuphuncukwa sisonka
Ndiqamele ngethemba lokuphakula iinyosi endisazisingayo
Ndaweni yokugxwalel' emswaneni ekuphinda emva kweminyaka
Ndihlel' ethembeni ngathi ngciphu ngciphu liphum' ilanga
*Yolul' isandla Somwabo,*
*Sikelel' izwe loobawo!*

Ewe, nox' ufele lulukhozo lomya, son' isazela sam likhephu
Kuba andifunanga nto ingaphezulu kweemfanelo ezizezam
Akukho namye unokuthi ndahlula hlule kabini indlu kayise
Yintsimi kabani endiyidlise yaphela ngeenkomo zikabawo?
*Yolul' isandla Somwabo,*
*Sikelel' izwe loobawo!*

Nceda thulululela iintsikelelo zakho Sombawo kweli lizwe
Senze sazi ukuba ukuthanda wena kukuthanda ummelwane
Ukoyika ingqumbo yakho kukuhlonipha imithethw' elishumi
Ubukumkani bakho, ngonyana wakho, buqala kweli silimiyo.
*Yolul' isandla Somwabo,*
*Sikelel' izwe loobawo!*

Unced' ozincedayo kutshiwo – sifundis' ukufuna ukuwaxhamla
Amalungelo ethi asisipho sakho njengeendlalifa zeZulu
Masingathembiselani ekufuneni inyaniso, ukholo noxolo.
Inkwenkwe eqhitsa amanye imem' ingqumbo kayise.
*Yolul' isandla Somwabo,*
*Sikelel' izwe loobawo!*

Nik' isibindi nobuchopho kwiinkokheli zolawulo lwethu

Bangabuy' emadlelweni seyingasaphelelanga imfuyo
Kukuqwengwa ngamaxhwili kub' ekobentlombe umalusi.
Sitheth' esikubonileyo, saye singqina nook sikwaziyo.
*Yolul' isandla Somwabo,*
*Sikelel' izwe loobawo!*

**UMSETYENZANA 5.2: UMSEBENZI WOMFUNDI NGAMNYE: UKUPHENDULA IMIBUZO**

30 Imizuzu

20 Amanqaku

**Imibuzo kumbongo 1 – MFAZI WETHU**

i. Uxeliwe uSigu ukuba uyinto kabani. Nawe kha uzithuthe uzityibele. (2)
ii. Chonga amagama abe mabini achaza impatho- mbi yomfazi kaSigu. (2)
iii. Bekufudulwa kuthethwa njani noSigu xa aboniswa imposiso yakhe esakhula? (1)
iv. Ucinga ukuba le ndlela yamkelekile? Xhasa impendulo yakho. (2)
v. Unganxibelelana njani wena nalowo ufuna ukumbonisa impazamo yakhe. (2)
vi. Stanza 7 "Yaqal' elulwimini ... Ithetha ukuthini le nto? (1)
vii. Inokuba belunjani ulwimi lalo mfo ngaphambi kwesi senzo? (1)
viii. Kwistanza 7 umqolo 2. Lo mqolo ubonisa ukuthetha okunjani? (1)
ix. Indlela yokuthetha ingayidala iyantlukwano, ingayidala nemvisiswano. Bonisa ubunyaniso bale nkcazo ingentla ungqiyame kulo mbongo usebenzisa awakho amazwi. (2x2=4)
x. Kwistanza 4 umqolo 1, 2 kukho ukunyhashwa kwamalungelo alo mfazi. Ngawaphi? (1)
Kumqolo 2, akalisebenzisanga ilungelo lakhe, liliphi? (1)
xi. Ucelwa ukuba ube ngumcebisi nomlamli kwesi sibini, ngcebiso zini ongazinikayo? (3)

xii. Wakuba uwufundile lo mbongo ubona waphulwe njani umgaqo-siseko weli loMzantsi-Afrika omalunga namalungelo abafazi nabantwana? (2)

xiii. Chaza olu didi lwesafobe, unike nentsingiselo:

1. Olumanz'andonga
2. Wayichila ngomchiza (2)

xiv. Nika isithetha-ntonye:

1. ibhonga
2. intswahla (2)

xv. Nika isichasi sala magama

1. esisidenge
2. wahlekela ngaphakathi. (2)

xvi. Sigaba sini sentetho esi: "Wethu"? (1)

(30÷ 2=15)

**Imibuzo kumbongo 2 – "BLACK IS BEAUTIFUL"**

Ukukhuthazwa koMgaqo-siseko wokusetyenziswa kweelwimi ngeelwimi, umbhali usebenzise isihloko salwimi lumbi.

I. Guqulela esiXhoseni esi sihloko nakolunye ulwimi oluchongileyo. (2)

II. Zinto zini ezibandakanywe kwi-Stanza 1 ezilixabiso ebomini bomntu. (3)

III. Umbongo sisixhobo sokuvelisa uvakalelo. Bonisa ngawakho amagama le nto kanye imbongi izama ukusixelela yona? – Umbongo. (3)

IV. Khetha uchasaniso kwistanza 4. (1)

V. Kuphinda-phindo olubonisiwa ekupheleni kwestanza ngasinye imbongi izame ukuphuhlisa ntoni? (1)

(10 ÷ 2=5)

UMSEBENZI 6

## UBHALO OLUYILIWEYO

60 Imizuzu

✓ 20 Amanqaku

### UMSETYENZANA 6.1: INGXOXO NGOKWAMAQELA

20 Imizuzu

✓ 00 Amanqaku

- Utitshala uza kunikhokela kwingxoxo engemibongo ayichongileyo.
- Xoxani ngokwamaqela.

### UMSETYENZANA 6.2: INGXELO NGOKWAMAQELA

10 Imizuzu

✓ 00 Amanqaku

Nikani ingxelo eklasini ngokwamaqela enu.

### UMSETYENZANA 6.3: UBHALO LOMBONGO

**UMSETYENZANA**

30 Imizuzu

**20 Amanqaku**

- Yila umbongo ova umsindo wakho
- Zichongele isihloko osithandayo
- Umbongo ungabi ngaphantsi kwezitanza ezine
- **Amanqaku aza kwabiwa ngolu hlobo:**
    1. Izimvo ezizezakho kwanokusetyenziswa kwentelekelelo
    2. Ukusetyenziswa kwamagama anamandla nachukumisayo
    3. Ukusetyenziswa kwesigama nolwimi oluchanekileyo
    4. Ukwahlulwa kwemihlathi nonxibelelwano lwezimvo ngendlela echanekileyo